

Xa uloyiko
lobundlobongela
obuqhubeka ekhaya
buxingisa ubomi bakho ...



bible society
of south africa

Awukho wedwa

Mhlawumbi ungomnye wamawaka abantu apha elizweni lethu ochaphazelekayo kubundlobongela bekhaya. Njengawo onke amaxhoba, ingaba uyazisola ngobu bundlobongela, uzive ngathi wenze into engafanelekanga, ngoko ke, yiyo loo nto usohlwaywa?

IBhayibhile ayikukhuthazi ukuxhatshazwa

UYesu weza emhlabeni ukuza kukhulula abantu ebukhobokeni. Uzisa umthetho omtsha apho yonke indoda, umfazi nomntwana benelungelo lokuphathwa ngokufanelekileyo nangobuntu.

“Abe njengaye uNyana woLuntu, yena ongezanga kukhonzwa, koko oweza kukhonza nokuncama ubomi bakhe bube yintlawulelo yokukhulula abaninzi.”

UMATEWU 20:28

UTHixo wanithenga ngexabiso elikhulu; musani ke ukuba ngamakhoboka abantu.

1 KWABASEKORINTE 7:23

Anazi na ukuba nina niyindlu kaThixo? Anazi na ukuba uMoya kaThixo uhlala ngaphakathi kwenu? Ukuba umntu uyayonakalisa indlu kaThixo, uThixo uya kumohlwaya, kuba indlu kaThixo ingcwele – nina ke niyiloo ndlu.

1 KWABASEKORINTE 3:16-17

Ihlazo lokuxhaphaza

Njengomntu owaxhatshazwayo, ungaziva uhlazekile into ekwenza ukuba ukholelwe ekubeni wena awufanelwanga kuthandwa. IBhayibhile yona iyakuqinisekisa ukuba wenziwe ngokomfanekiso kaThixo.

Wamdala ke uThixo umntu. Wamenza wangumfuziselo wakhe. Wadala umntu oyindoda kwakunye nomntu obhinqileyo.

EYEZIQALO 1:27

UThixo wathatha inkathalo xa wayedala wena:

Andithi na kaloku ndadalwa nguwe;
nditsho mna kanye lo!
Ewe, wandixonxa wandilunga-lungisa
kwandisekumama.
Ndikubonga ndikubulela ngenxa
yomntu endinguye,
ngenxa yokumangalisa nokukhwankqisa
kwento endiyiyo.
Ewe, iyakhamnqisa kambe
imisebenzi yakho.
Leyo ke into ndiyiqonde pheleleyo.

IINDUMISO 139:13-14

Yamkela ukuba uThixo uyakuthanda

Ungumntwana othandwayo kaThixo ongafanelanga ukuxhatshazwa:

UMoya enimamkeleyo akanenzi amakhoboka, wona aphakuzelayo. Kaloku namkele uMoya onenza oonyana abathi: “Tata!” kuThixo. UMoya ngokwakhe ungqinelana nathi ukuthi singabantwana bakaThixo.

KWABASEROMA 8:15-16

Kaloku ndiqinisekile kukuba asikuko nakufa, nabomi, nazithunywa zezulu, nazilawuli, nanto zikhoyo, nanto zizayo, naziphathamandla, nanto ziphezulu, nanto zingaphantsi, nditsho nasiphi na isidalwa, esiya kuba nako ukusahlula nothando lukaThixo olukuye uKrestu Yesu, iNkosi yethu.

KWABASEROMA 8:38-39

UNdikhoyo ngumkhuseli wakho

NguNdikhoyo iliwa lam;
nguye inqaba yam;
nguye umkhuseli wam.

Xa ndizimele ngoThixo wam ndihlala
ndikhuselekile.

Nguye ikhaka lam;
nguye ondigcina ndifihlakele.

Nguye inqaba yam ephakamileyo;
nguye isikhundla sam sokuzimela.

Mhlanguli wam, nguwe ondisindisayo
kumadoda anogonyamelo.

2 KASAMWELI 22:2-3

Funa uncedo!

Mininzi imibutho apha eMzantsi Afrika
enikezela ngeenkonzoko zokunceda abo
baxhatshazwayo ngabalingane babo.

Tsalela uLife Line ku-
0800 150 150.

Ewe, zibakho zon' iinzingo ebusuku,
kodwa kusasa kuba yimincili yodwa.

IINDUMISO 30:5b

***livesi zeziBhalo zithatyathwe
kwiBhayibhile yesiXhosa ka-1996.**



Ipapashwe yayasazwa liqumrhu
leBhayibhile laseMzantsi Afrika.

www.biblesociety.co.za



BibleSA.co.za

BibleSA

Bibles and audio Bibles are
available on the **BibleSA app.**